# Ingxabano Kwimigodi Yamalahle Isonjululwe

Umbutho wabasebenzi mgodini i NUM kunye nemigodi yamalahle kwi Chamber of Mines bayisombulule ingxabano ngemivuzo emva kwentlanganiso ezimbini kwibhodi yoxolelanisa.

I Chamber yenze umnyakazo omncinci kulungiso lonyuso mvuzo.

Ukulungiswa komvuzo kwahluke ngokwemizi yemigodi ukusukela ku 7,5% uya ku 15,1 pesenti.

Umlinganiselo wokunyuswa komvuzo yi 13% e Amcoal, 12% e Trans Natal, 11% e Douglas nase Duiker, 9% e Gold Fields, yi 8% e JCI nase Durnacol.

Isivumelwano kufikelelwe kuso yiyo yonke imigodi yamalahle ukuba kunyuswe igalelo labaqeshi kwi Provident Fund nge 1%, lonto inyuse igalelo liye kuma ku 6 %

I Gold Fields izokubhatala enye i 1% yokongezelela kwi Provident Fund ukuba nabo abasebenzi bazokufaka elabo igalelo le 1 pesenti.

Kwaye nethuba lekhefu linyusiwe nge 2,5%.

Umlinganiselo wemivuzo emitsha yenyanga kubasebenzi mgodini abamnyama isukela ku R444 iye ku R675.

Abasebenzi mgodini abagcaphazelekayo kolu lungiso lwemivuzo bangange 88 000.

## Abasebenzi benze inzuzo kuthethwano e RPM

I NUM yenze inqhubela ebonakalayo kuthethathethwano lwemivuzo kulo nyaka e Rustenburg Platinum Mines.

Kwisivumelwano semivuzo esityikitywe ngo July 17 yinkampani kunye ne NUM, inzuzo ebalulekileyo iphunyelelwe kwimibango efana nempahla zokhuseleko, imali yoncedo kwirente yezindlu, uqeqesho lwama shaft steward, kunye nekhefu elibhatalayo kubasebenzi abazimase uthethwano.

### Imivuzo

Ubuncinane bomvuzo bunyuswe nge R86 kwavunyelwana. Abasebenzi baphezu komgodi abarhola ngamalanga kuzinga lwesibini emsebenzini ngoku bazokufumana ubuncinane obuyo R655 ngenyanga, ukusuka kulamali endala bebeyifumana eyi R569.

Iyona mali ephezulu ekunyuswe ngayo imivuzo yi R236 ngenyanga kwizinga 12 lomsebenzi kumsebenzi osebenza ngaphantsi emgodini, okungoku uzokufumana i R2 592.

### Impahla zokhuseleko

Abo basebenzi bafuna impahla zokhuseleko zomsebenzi bazokunikwa i ovarolo nama bhutsi mahala kabini ngonyaka.

### Imali yoncedo kwirente yezindlu

Abasebenzi abahlala ngaphandle kwemida yenkampani bazokubhatalwa umongezelelo we R20 ngenyanga kubukho bemali yoncedo yerente yezindlu.

### Uqeqesho lwama shaft steward

Ishaft stewards zivunyelwe amalanga amahlanu ngonyaka okuzimasa uqeqesho ngezifundo zombutho. Lamalanga azokubhatalwa ngokugeweleyo.

### Ikhefu lothethathethwano

Inkampani ivumile ukubhatala amashaft steward azimase uthethathethwano phakathi kwenkampani kunye nombutho.

Iminye imibango ebekwe ngabasebenzi esavulelekile kuthethathethwano, kwaye kuzokuxoxwa ngayo ngaphandle kwentlanganiso yethethwano lwemivuzo.
Esisivumelwano sizokuqala ukusetyenziswa ngomhla 1 July kulo nyaka.

# Luxingile uthethwano e Eskom

Uthethathethwano lwemivuzo phakathi kwe Eskom nemibutho yabasebenzi luxingile xa i Eskom isala ukubhatala abasebenzi umvuzo ophilisayo.

Imibutho yabasebenzi ibanga unyuso lomvuzo olwamkelekileyo i 14,8 pesenti, ngelithuba i Eskom ibanika i11 pesenti ubuncinane ne 13 pesenti kubuncinane bomvuzo.

Imibutho ethathi inxaxheba yile: i National Union of Mineworkers (NUM), i National Union of Metalworkers of SA (NUMSA) kunye ne Electrical Workers Union (EWU).

Okwangoku abaqeshi banikeza umvuzo ophantsi, ummeli we Eskom uthe "imivuzo yethu ingcono kakhulu kunemivuzo ehlawulwa yeminye imizimveliso".

I Eskom iqhubeka ithi abasebenzi bafuna kuphela phakathi kwe R800 ne R1000 ngenyanga ukuze baphile.

Lamanani aqagamshelana nezifundo ezagqutywa yi UNISA kunye ne Dyunivesiti yase Port Elizabeth, siqhube satsho isithethi esimele i Eskom.

Imibutho iyikhabile lentetho kuba ezi zifundo azigxilanga kwimfuno zabasebenzi.

Bagqibezela ngokugxininisa kwicala localucalulo. Njengoko abasebenzi abaninzi bephila kwintlalo embi, lento ichazwa njengempilo.

Ayikho imibuzo eyabuzwayo ngokuthi yintoni efunwa ngabasebenzi, kodwa abangenakho akuzihlangabeza ngenxa yemivuzo ephantsi abayibhatalwayo.

Isicelo sesifakiwe kwi Concilaliation Board ukuzama ukusombulula lengxaki.

# I NUM imisele ingxabano ne Gold Fields

I NUM imisele ingxabano kwimigodi yeGold Fields of SA (GFSA) ngokungavumi kwayo ukunyusa imali ye Mineworkers Provident Fund.

I NUM izamile ukuthetha ne GFSA ukuba kufakelwe enye i 1% yokongeza kwimali ye Provident Fund, kodwa ayaphumelela.

Bangange 8 000 abasebenzi abachaphazelekayo kule ngxabano.

Kodwa ngelithuba imbonakalo yokulungiswa kwemivuzo ka 1992 ifikelele esiphelweni namanye amalungu e Chamber, ngaphandle kwe GFSA.

### Ukwabiwa kwenzuzo

Imivuzo ephantsi efakelweyo iqala ku R29 ukuya ku R92 kumvuzo wenyanga, izokuxokonyezelwa ngolwabelwano lwemveliso kweminye imizi yemigodi. Ukunyuswa kwemivuzo yenyanga iqalela ku 6 ukuya ku 8,9% (pesenti).
Yonke imizi yemigodi izimisele ngokwabelana ngenzuzo nabasebenzi ngaphandle kwe GFSA ne Anglovaal, zona zinika i 6% kuphela yokunyusa imivuzo.

Ezimayini zilandelayo zizimisele ukuthatha inxaxheba kulabelwano lwemveliso, i Freegold, Vaal Reefs, Western Deep Levels, Elandsrand, Salties, Blyvoor, Harmony, Buffelsfontein, Beatrix, St Helena, Unisel, Kinross, Winkelhaak, Grootvlei kunye ne Marievale.

I JCI ayizimiselanga ukuthethathethana ngokwabelana ngemveliso kunye ne NUM. Kunalanto i JCI ifuna ukuqhubeka ne bonus ekwakuthethathethwene ngayo kuthethathethwano lonyaka ophelileyo.

Amalungu e NUM alukhaba oluhlelo kwintlanganiso yeKomiti ePhezulu eyayibanjwe e Rhawutini ku Janiwari walo nyaka.

Uthethathethwano lusaqhubeka e Harmony, eBlyvoor nase sibhedlele sase Sir Albert Robinson ngokwehlukana kokunyuswa komvuzo.

Unyuso mali laswe Harmony yi R30 kuwo onke amazinga ngelithuba i Blyvoor ne Sir Albert Robinson Hospital zinikeza ngobuncinane bukunyusa obuyi R25 ne R35 bukunyusa umvuzo ngokulandelelana.